



PARLIAMENT

OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VAKALISA ULUVO LWAKHO

Isimemo sokungenisa iziPhakamiso neZimvo zoLuntu

Ikomiti esiSigxina yezeMali imema abachaphazelekayo namaqela anomdla ukuba angenise iziphakamiso ezibhaliweyo malunga noMthethosiHlomelo oYilwayo weMithetho Jikelele (eChasene noRhwaphilizo lweMali neLwa ukuXhaswa ngeMali kwabaGrogrisi) [B15 – 2026]

UMthethosiHlomelo oYilwayo weMithetho Jikelele (eChasene noRhwaphilizo lweMali neLwa ukuXhaswa ngeMali kwabaGrogrisi) [B15 – 2026] ujolise ekubeni uhlomele:

- UMthetho wamaShishini aValiweyo, 1984
- uMthetho weMibutho eNgenzi Ngeniso, 1997
- uMthetho weZiko lobuNtloa bezeMali, 2001
- uMthetho weeNkampani, 2008 kunye
- noMthetho wemiGaqo yeCandelo lezeMali, 2017

Lo Mthetho oYilwayo ufuna ukomeleza inkqubo yesizwe eChasene noRhwaphilizo lweMali neLwa nokuXhaswa ngeMali kwabaGrogrisi (iAML/CFT) ngokujongana neziphene eziseleyo ezichongiweyo kwiNgxelo yama2021 yeFinancial Action Task Force (iFATF) yoVavanyo oluManyeneyo eyayenzelwe uMzantsi Afrika, nangexesha lenkqubo yokulungisa eyakhokelela ekubeni uMzantsi Afrika uphume kuluhlu lwamazwe azinikele ekubeni asebenzisane neFATF kweyeDwarha yowama2025. Ezi zihlomelo zikwafuna ukufumana uphononongo olungcono kuMzantsi Afrika kuVavanyo oluManyeneyo lweFATF lwangoku, oluphela kweyeDwarha yowama2027.

Iindibano zoLuntu malunga noMthethosiHlomelo oYilwayo weMithetho Jikelele (eChasene noRhwaphilizo lweMali neLwa ukuXhaswa ngeMali kwabaGrogrisi) [B15 – 2026] ziya kubanjwa ngoLwesibini, umhla we11 kweyeThupha 2026.

Iziphakamiso mazifunyanwe ungadlulanga umhla we12:00 ngoMvulo, umhla we10 kweyeThupha 2026.

Abo bafuna ukungenisa iziphakamiso kwindibano zoluntu ngoLwesibini, umhla we11 kweyeThupha 2026 kufuneka ngokukodwa bakucele oku.

Iindibano ziya kubanjwa ngokusebenzisa uZoom.

Iziphakamiso ezingeniswayo kufuneka zithunyelwe kooNobhala beeKomiti, uMnu Allen Wicomb noNks Teboho Sepanya kuawicomb@parliament.gov.za notsepanya@parliament.gov.za

Sikhutshe ngoHloniphekileyo uGqr. MJ Maswanganyi, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti esiSigxina yezeMali (kwiNdlu yoWisomthetho yeSizwe).

**IPalamente - Ukulandelela izibophelelo zethu kuBantu
– Ukwenza ikamva lakho lisebenze ngcono**